PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA IZIMVO ZAKHO

UMthetho-siHlomelo oYilwayo weMithetho yoNyulo [B 24 – 2026]

IKHWELO LOKUNGENISWA KWEZIPHAKAMISO NEZIMVO

IKomiti yeMicimbi yeSebe lezeKhaya imema amahlakani, abantu abanomdla, kunye nemibutho ukuba ingenise izimvo ezibhaliweyo ezimalunga no**Mthetho-siHlomelo oYilwayo weMithetho yoNyulo [B 24 – 2026].**

Injongo yalo Mthetho oYilwayo kukulungisa:

- UMthetho weKomishoni yoNyulo, wowe-1996, ukuze kubonelelwe ngokucinywa okunyanzelekileyo kubhaliso kwamaqela angamelwanga asilelayo ukuhlaziya ubhaliso lwawo minyaka le; kufakelwe isibonelelo malunga nokufaneleka kwamaqela abhalisiweyo ukukhuphisana kunyulo; kwanokulungisa ukumiselwa kweNkundla yoNyulo.
- UMthetho woNyulo, wowe-1998, ukuze kulungiswe iinkcazelo ezithile; kususwe isibonelelo; kulungiswe izibonelelo ezibonelela ngeemfuno zokufaneleka ukuze kufakwe isicelo sokubhaliswa njengomvoti; kuthintelwe izichaso kuphela kuluhlu lwabavoti oluqulunqwe okwexeshana; kwanokuchaza igunya leKomishoni ekuthatheni isigqibo ngezichaso; kunye
- Nokuba uRhulumente wamaKhaya: uMthetho woMasipala woNyulo. wowama-2000, kulungiswe inkcazelo; kwanokulungisa isibonelelo esinxulumene nokufaneleka kwamaqela abhalisiweyo ukukhuphisana kunyulo; kwanokubonelela ngemicimbi enxulumene noko.

Umhla wokugqibela weziphakamiso ngowama-**30 kweyeNkanga 2026 ngentsimbi yesine malanga.** Ikopi yoMthetho oYilwayo inokufumaneka ku: Parliament.gov.za phantsi kwekhonkco lemithetho eyilwayo okanye icelwe kuNobhala weKomiti kwiinkcukacha zoqhagamshelwano ezingezantsi.

Iziphakamiso kufuneka zithunyelwe ngqo kuNobhala weKomiti, uMnu Eddy Mathonsi, kule dilesi yeimeyile: **Electorallawsbill@parliament.gov.za.** Kungaqhagamshelwana naye kule nombolo yeselula 083 709 8523.

Ikhutshwe ngoHloniphekileyo uNks Chabane, iLungu lePalamente, uSihlalo: weKomiti yeMicimbi yeSebe lezaMakhaya

IPalamente - Ukulandelela izibophelelo zethu kuBantu - Ukwenza ikamva lakho lisebenze ngcono